Isalathiso: 20210413-2186
Inombolo yefayili: 12/12/10/2
Imibuzo: DD Louw

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo nokuPhathwa kwamaZiko: 0002/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

Isihloko: Isikhokelo esimalunga nentlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elisandula ukunyulwa kunye nokufakwa kwikhompyutha kweeprofayili zamalungu

1. Ngokungqinelana noMmiselo 31 wee-*Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools Regulations, 2021*, njengoko upapashiwe *kwiGazethi esiSongezelelo yePhondo No. 8398* yange-12 Matshi 2021, intlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elisandula ukunyulwa mayiququzelelwe yaye ichotshelwe yinqununu, engummeli ngokwaseburhulumenteni weNtloko yeSebe leMfundo osebenza kwibhunga lolawulo. Oku makwenziwe zingadlulanga iintsuku ezintlanu emva kokuba yona yazisiwe, ngencwadi ebhaliweyo, ligosa elijongene nonyulo ngokumalunga namagama kunye needilesi zabantu abanyulwe njengamalungu ebhunga lolawulo.

2. Kucelwa niqaphele ukuba injongo yentlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo kukunyula amagosa kwizikhundla zebhunga lolawulo nokumisela abanegunya lokusayinela imiba yezemali. Abanegunya lokusayina mabanikwe amagunya okusayina zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe zentlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo. UMmiselo 2(1), (2), (3), (4) no-(5) wolu xwebhu luchaziweyo umisela ukuba kuphela lilungu elingumzali lebhunga lolawulo, elinamalungelo okuvota, elinokusebenza njengosihlalo okanye usekela sihlalo webhunga lolawulo. Kwezi meko kubhekiselwe kuzo kuMmiselo 2(6), naliphi na ilungu lebhunga lolawulo linako ukusebenza njengosihlalo okanye usekela sihlalo, ngaphandle kukatitshala, kongenguye utitshala, okanye umfundi kweso sikolo. Naliphi na ilungu lebhunga lolawulo elinelungelo lokuvota, kungabandakanywanga inqununu, linako ukunika inkonzo njengegosa elisesikhundleni. Apha kuqhotyoshelwe apha i-ajenda ecetyiswayo yentlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elisandula ukunyulwa ukunceda iinqununu ekuqhutyweni kwentlanganiso

ngokuyimpumelelo nokucacisa injongo ephambili yale ntlanganiso ibalulekileyo yebhunga elisandula ukunyulwa

3. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba iinkcukacha zobuqu zawo onke amalungu anyuliweyo (*elected*) okanye atyunjiweyo (*appointed*) amabhunga olawulo amatsha, zifakwa ngqo kwisistim ye*CEMIS*. Le ngcaciso mayifakwe kwikhompyutha ngoko nangoko emva kwentlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elitsha. Ukufakwa kwikhompyutha kwengcaciso makwenziwe ngumabhalane wezolawulo (*administration clerk*) esikolweni, kuqinisekiswe ukuba ichanekile yaye isayinelwe ingcaciso yinqununu.

4. Imvume yokungena kwiziko ledatha lebhunga lolawulo kwisistim i*CEMIS* iya kunikwa igosa elijongene nonyulo lesithili (*district electoral officer*) eliya kungqinisisa ukufakwa kwengcaciso ngokuyithelekisa nengcaciso enikiweyo ligosa elijongene nonyulo lesikolo emva kokugqitywa ngokuyimpumelelo konyulo lwebhunga lolawulo. Iprofayili zamabhunga olawulo zazo zonke izikolo zikarhulumente mazifakwe kwikhompyutha yaye mazisayinelwe ungadlulanga owe-30 Meyi 2021.

5. Kucelwa kwaziswe okukule ngcaciso imfutshane onke amalungu amabhunga olawulo asandula ukunyulwa ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2021-04-20